1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko esisekelwe kuwo. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1 Isihloko:

| | |
|---|---|
| Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| Ulwimi | Luhambelana nenjongo yokubhala, uhlobo lwesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |
| Umxholo | **Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.** |

**Makanike isihloko esifanelekileyo.**

- Uhambo ngenqwelo-moya, ingangamava okuqala kwakhe ukuhamba ngenqwelo-moya ehambele kwisixeko esikhulu okanye kwilizwe elipheseya kolwandle.
- Uncedo lweenqwelo-moya kurhwebo noshishino.
- Angabhala ngekhariye kwicandelo lwezophapho.
- Angabhala ngesiganeko esithile ngenqwelo-moya.
- Angabhala ngobomi kwii zixeko ezikhulu.

[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka] **[50]**

1.7.2 Isihloko:

| | |
|---|---|
| Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| Ulwimi | Luhambelana nenjongo yokubhala, uhlobo lwesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |
| Umxholo | **Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.** |

**Makanike isihloko esifanelekileyo.**

- Ukubaluleka kokhanyo; umz; ukhanyo oluziswa yimfundo/yimpucuko njalo-njalo.
- Igalelo lombane kwezoqoqosho.
- Angabhala ngocimicimi wombane owenziwa kukuba kusongiwa umbane.
- Angabhala ngeenkonzo zikarhulumente zokuphucula lonke uluntu ngokuthi lubenombane.
- Ubungozi bokubiwa kombane.

[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka] **[50]**

2.4 **UDLIWANO-NDLEBE**

- Umbuzi makabulise umbuzwa, azazise amamkele.
- Umbuzwa abulise abonakalise ukuzithemba.
- Makabuze imibuzo ecacileyo enika umbuzwa ithuba lokunaba xa ephendula, aqale ngemibuzo elula.
- Imibuzo ingaphumi emxholweni.
- Umbuzwa aphendule imibuzo ngokucacileyo nokunyanisekileyo avakalise izimvo zakhe nolwazi.
- Umbuzi aphephe imibuzo eza kufuna iimpendulo ezingu-ewe nohayi.
- Makusetyenziswe ulwimi olundilisekileyo.
- Phambi kokuba lusongwe udliwano-ndlebe umbuzwa makanikwe ithuba lokubuza eyakhe imibuzo anike nolwakhe uluvo.
- Makabulelwe umbuzwa. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

